

# UMHLABA, AMANZI NOHLALUTYO LWEZITYALO

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

### UMHLABA NOHLALUTYO LWAMAGQABI

**1. Kufuneka ndiwuvavanye umhlaba wam emva kwexesha elingakanani?**

Kwenziwe isiphakamiso seminyaka emithathu, ngaphandle kokuba kubekho ingxaki evelayo kwizityalo nemalunga nomhlaba.

**2. Loluphi uvavanyo olwenziwa kuhlolo lohlalutyo-mhlaba kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni?**

Igumbi lovavanyo-machiza lenza uvavanyo kuninzi lwezinto ezahlukeneyo emhlabeni. Ngeziphumo zovavanyo uyakubanalo ufifi lwezondlo ezisilelayo, nezinje nge "nitrogen (N), phosphorous (P), potassium (K), phakathi kwezinye. Uhlalutyo lomhlaba lusekwaquka i "pH", ubuninzi bezondlo kunye nomgquba.

**3. Zeziphi iimpazamo eziqhele kwenzeka xa kuthathwa naxa kusetyenzwa iisampulu?**

Iziphumo zalo naluphi na uhlalutyo lwemvavanyo yempumelelo azinakubangcono kunesampulu yokwenziwa kweemvavanyo. Eyona njongo yokuthathwa kwesampulu kukufumana inxenye yomhlaba ongemninzanga ukuze usiwe ze isetyenzwe kalula kwigumbi lokwenziwa kweemvavanyo-machiza, ngeli xesha isagcine oobabunjani bomhlaba ubuyisampulu.

Kukubekwa ecaleni iisampulu ezibangela ungcoliseko xa zixubene nezichumisi okanye iingxowa ephethe izichumisi kwakunye nokusetyenziswa okungaphelelanga kwezixhobo zokusebenza xa kuxilongwa isampulu.

**4. Ukhetha eyiphi indlela yovavanyo?**

Eyona ndlela ikumgangatho owaziwayo kuhlalutyo lweesampulu inazo zonke iingongoma ezikwezi zincomo ziphakanyisiweyo. Kufuneka kubekho intwanana yomhlaba kunye nesalfure ze zidityaniswe xa kuvavanywa umhlaba ongazange walinywa okanye xa imeko yomhlaba ingaziwa kwa ngumfama, okanye xa kusaziwa ukuba intwana leyo yomhlaba ayizange yasetyenziswa kwisithuba esingangeminyaka ebalekayo.

Nceda uphawule kuhlalutyo olucelwayo olukule fomu yokwenza isicelo.

**5. Kufuneka isampulu ibe ngakanani?**

Kufuneka isampulu yegqabi ibe nogaba alungama 40 ubuncikane yaye/okanye amagqabi. Kufuneka iisampulu zomhlaba zibe malunga nama 400g ubunzima.

Yikha lo mhlaba ungaphezulu malunga nokwehla okuya ezingcanjini zesityalo. Ubunzulu



beengcambu buzakohluka ngokohlobo lwesityalo. Kwizityalo ezininzi, umhlaba ophezulu nobunzulu ngange 0 - 20 nguwona ulungileyo. Kwingca esele yondele, sebenzisa ekumphezulu oyi 0 - 10 cm njenge sampulu.

Kwizidiliya kunye neziqhamo, kufuneka kusetyenziswe umhlaba ongaphezulu nge (0 - 30 cm) ze ongaphantsi nge (30 - 60 cm) ngokwahlukileyo.

**6. Ndingathatha isampulu yomhlaba ongakanani kwi Hektare yomhlaba?**

Sicebisa ukuba uthathe iisampulu zibe ntlanu kumhlaba ongange Hektare, kuzo zone (4) ikona kunye nasesazulwini seHektare. Ukuba akukho mehluko ubonakalayo (ubunjani, ithambeka, ukoma,um’bala kunye nendlela ezilawulwe ngayo izitshabalalisi kunye nokuchuma), ezi sampulu zingadityaniswa engxoweni enye ze zibe ngumhlaba omnye omnye othunyelwayo.

**7. Kufuneka umntu azigcine njani iisampulu zomhlaba kunye nezamagqabi ukuze zinike iziphumo ezichanileyo?**

Xa uthatha isampulu yomhlaba, sebenzisa ingxowa yeplastiki ze uwugcine kuyo umhlaba. Yiqhine iplastiki leyo ze uyiphawule ngokuchanileyo. Gcina isampulu yomhlaba kwindawo epholileyo.

Iisampulu zingathunyelwa ngokusetyenziswakwe “Courrier” okanye uyishiye kwi-ofisi yase Elsenburg yaye ze uthunyelwe uqhinelwe yaye uphawulwe ngokucacileyo kwingxowa yeplastiki.

Kufuneka iisampulu zamagqabi zigcinwe kwisikhenkcezisi de kufikelele ixesha lokuzithumela okanye uzizise kwii-ofisi zethu. Nceda iisampulu zingake zide zilalwe ngumkhenkce wesikhenkcezisi.

**8. Ingaba ndiwubhala njani umhlaba oyisampulus?**

Faka umhlaba wakho wesampulu kwingxowa yeplastiki. Yibhale ngokucacileyo ngaphandle ngegama elilodwa, umzekelo bhala igama lefani yomnini fama nendawo umhlaba othathwe kuyo. Lo mzekelo singathi ngu Adams A, Adams B, Adams C, njl.njl. Okanye usengawuphawula ngegama lendawo umhlaba othathwe kuyo, umzekelo; Rose garden, Lavender bush, Peach tree, njl.njl.

Igama: Mr A Adams
isampulu: Rose garden

nceda uwabhale amagama eesampulu kwifomu yokwenza isicelo. Ukuba uneesampulu ezingaphezu kwe 10, dibanisa uluhlu lweefomu zezicelo okanye ulithumele nge email ngamagama eesampulu.

**9. Ngokwesiqhelo, lingakanani ixesha lokwenziwa komsebenzi?**

Kuxhomekeke kubuninzi bomsebenzi okhoyo, igumbi lovavanyo-machiza lizamela ukuvelisa iziphumo zingaphelanga iiveki ezimbini okanye kwe zine, emva kokufakwa kwazo.

**10. Yimalini ixabiso lokuhlalutywa kweemvavanyo?**

Nceda uqhakamshelane nabegumbi lokwenziwa kweemvavanyo-machiza ze ufumanise ngexabiso. Kungenjalo, khangela kwi webhusayithi yethu ze ufune uluhlu lwamaxabiso:



(Idilesi ye webhusayithi).

**11. Yeyiphi indlela esetyenziswayo yokuhlawula?**

Kuqale kwenziwe uhlalutyo, ze kamva iziphumo zithunyelwe nge email ze emva koko abaCandelo leZimali bathumele ixabiso lemayi ekufuneka ndiyihlawule kumfama lowo uhlalutyelwe umhlaba. Amafama angahlawula nangokusebenzisa i EFT, afake imali ebhankini okanye angahlawula apha kwigosa lokwamkela iintlawulo e Elsenburg. Nceda usebenzise inombolo ekhomba umsebenzi lowo (reference) nebhalwe kwiphepha elo xa uzakuhlawula.

**12. Ingaba eli gumbi lovavanyo-machiza livunywe ngokusemthethweni na?**

Hayi, igumbi lovavanyo-machiza kumhlaba, amanzi nezityalo nelikwiSebe leZolimo eNtshona Koloni (WCDoA) alivunyelwanga ngokusemthethweni ngu SANAS. Noko kunjalo, eli gumbi lovavanyo-machiza liselilungu le AgriLasa, nesebenza ngolungiselelo lwamanye amagumbi ovavanyo-machiza.

**13. Ngolwazi olongezelekileyo malunga nenkonzo yethu kuvavanyo-machiza, nceda uqhakamshelane ngezinkcukacha zingezantsi:**

E-mail: Alta.Visagie@westerncape.gov.za
Tel: 021 808 5290

E-mail: Raynette.Topley@westerncape.gov.za
Tel: 021 808 5291

**QAPHELA: Kufuneka zonke iisampulu ziqhuke ifomu egcwalisiweyo yekwenza isicelo kwa: Cofa apha ukuze ufumane ifomu yekwenza isicelo (idilesi yewebhusayithi)**

## UHLALUTYO LWAMANZI

**1. Loluphi uhlalutyo lovavanyo lwamanzi olwenziwa liSebe leZolimo eNtshona Koloni (WCDoA)?**

- Ngamanzi okunkcenkceshela – ukulungela kwamanzi okuba angasetyenziselwa ukunkcenkceshela.
- Amanzi asetyenzisa emakhaya – nceda uqaphele ukuba igumbi lovavanyo-machiza alikwazi ukwenza izindululo ngawona manzi anokusetyenziswa emakhayeni.

Uvavanyo olwenziweyo luzakubonakalisa ngokucacileyo ubuninzi betyuwa nezimbiwa ezisemanzini kwakunye ne “pH” nkqu nonikezelo lwamanzi.

Please refer to our pricelist for a full list of elements that we test for.

**2. Loluphi uvavanyo lwamanzi olungenziwayo liSebe leZolimo eNtshona Koloni (WCDoA)?**

Eli gumbi lovavanyo-machiza alikwazi ukwenza uvavanyo kwizinto ezingamasuntswana anganakubonakala ngemehlo njenge “micro-organisms”, iintsholongwane okanye amayeza okubulala iintsholongwane ezisemanzini.

Nceda uqhakamshelane nabegumbi lovavanyo-machiza kooGqirha boNyango Lwemfuyo kwa 021 808 7510 xa ufuna iimvavanyo ezingeentsholongwane.



**3. Kufuneka ziqokelelwe njani iisampulu zamanzi?**

Xa usikha amanzi, sebenzisa i-emele ecocekileyo yeplastiki engenamitshele. Yizalise ngamanzi loo emele, wachithe loo manzi, yigcwalise ze upule isiciko uphinde uwachithe. Phinda uyigcwalise loo emele ngaloo manzi okwenza isampulu.

Nceda usiphathele umlinganiso wamanzi ongange 500ml nazakuthi enziwe uvavanyo.

Sebenzisa iibhotile ezicocisisiweyo zamanzi, ukuba kungenzeka.

**4. Iisampulu zingagcinwa phi yaye ixesha elingakanani?**

Iibhotile ezenziwe nge plastiki zizona zithembakalayo ngoba iibhotile ezenziwe ngembodlela zingabangela i “boron” kwiisampulu. Iibhotile zembodlela ziyathanda ukophuka lula.

Gcina iisampulu kwindawo epholileyo okanye kwisikhenkcezisi de ube ulungele ukuyithumela.

**5. Ibhalwa njani ibhotile enesampulu yamanzi?**

Nceda uziphawule ngokucacileyo iisampulu zakho. Ziphawule ngokubhala igama lakho kunye negama elinqabileyo elilele sampulu.

Igama: Ms B Adams
Isampulu: New Borehole

**6. Leliphi ixesha lokuzizisa?**

Iisampulu ezingokwamanzi zihlalutywa kube kanye ngeveki. Kufuneka iisampulu zibe sele zikwii-ofisi zethu ngoLwesihlanu ngentsimbi ka 15:00 ukuze kwenziwe uhlalutyo lwazo kwiveki elandelayo.

**QAPHELA: Kufuneka zonke iisampulu ziquke ifomu egcwalisiweyo yekwenza isicelo kwa: Cofa apha ukuze ufumane ifomu yekwenza isicelo https://www.elsenburg.com/lab-water-samples/**

Ukuba ufuna ukuthumela iisampulu zakho kwigumbi lovavanyo-machiza, nceda usebenzise le dilesi:

Iya ku: R Topley / N Hasley
kwiGumbi Lovavanyo-machiza kuMhlaba, izityalo namanzi
Main Building
Western Cape Department of Agriculture
Muldersvlei Road
Elsenburg
7607